INJONGO YE-OFISI

I-Ofisi yokuXela uLwazi isekwe ngokweCandelo lesi-4 lomThetho wokuXela uLwazi weMali-mboleko yeKhaya neBhondi, 2000 (umThetho oyiNombolo yama- 63 ka- 2000) injongo engundoqo ikukuhlola iipateni kunye nezenzo zokubolekisa zamaziko ezemali ekunikeni iimali-mboleko zamakhaya kubaxhasi. UmThetho unyanzela amaziko ezemali ukuba axele ulwazi olunxulumene nemisebenzi yawo yokubolekisa kwimarike yemali-mboleko yekhaya.

UYINTONI UMBONO WETHU

Kukunyanzelisa umThetho kunye nokukhuthaza inkxaso yezindlu enobulungisa.

YINTONI INJONGO YETHU

Kukufaka isandla kwimpumelelo yezenzo ezineenqobo ezisesikweni eziphakamisa/ezikhuthaza ufikelelo kwinkxaso yezindlu elizweni.

UMALUNGA NANTONI UMTHETHO

Ukhuthaza izenzo zokubolekisa ezinobulungisa, ezifuna ukuxela kolwazi ngamaziko ezimali ulwazi oluphathelene namagatya eemali-mboleko zamakhaya; ukuseka i-Ofisi yokuXela uLwazi; kunye nokubonelela ngemicimbi enxulumene nayo ngaphaya koko.

UKWAKHIWA

I-Ofisi yakhiwe ngale ndlela ilandelayo:

USihlalo:
I-Ofisi eXela uLwazi

↓

USekela Sihlalo:
I-Ofisi eXela uLwazi

↓

Amalungu:
I-Ofisi eXela uLwazi → **I-Ofisi exhasa Icandelo**

I-ofisi exhasa icandelo licandelwana elikwiSebe leeNdawo zokuHlaliswa kabaNtu exhasa i-Ofisi yokuXela uLwazi.

IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO:
I-OFISI YOKUXELA ULWAZI

OFISI YOKUXELA ULWAZI
ISEBE LEENDAWO ZOKUHLALISWA KWABANTU
PRIVATE BAG X644
PRETORIA
0001

GOVAN MBEKI BUILDING
240 JUSTICE MAHOMED STREET
SUNNYSIDE
PRETORIA
0002

UMNXEBA: 012 421 1572/1799
IFEKSI: 086 614 7662/086 611 0018
UMNXEBA ONGAHLAWULELWAYO: 0800 146 873
I-imeyile: disclosure@dhs.gov.za

ISEBE LEENDAWO ZOKUHLALISWA KWABANTU

IPROFAYILI

YE-
OFISI YOKUXELA ULWAZI

human settlements
Department:
Human Settlements
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ZIINTONI INJONGO ZE-OFISI YOKUXELA ULWAZI

- Ukuqinisekisa ukuba amaziko emali ayawuthobela umThetho wokuXela uLwazi weMali-mboleko yeKhaya neBhondi, 2000 (umThetho oyiNombolo yama-63 ka-2000 kunye namagatya enqaku lesi-4 eShedyuli yomThetho wokuKhuthazwa kokuLingana kunye nokuThintelwa koCalulo olungaFanelekanga, 2000 (umThetho oyiNombolo yesi-4 ka-2000);
- Ukukhuthaza umdla wabaxhasi/abasebenzisi beemali-mboleko zamakhaya ngokuphathelene nobulungisa, ukuqhubeka kunye nomgangatho weenkono;
- Ukukhuthaza ufikelelo olulinganayo nolunobulungisa kwiimali-mboleko zamakhaya kuwo onke amaziko ezemali;
- Ukuphelisa naziphi na iipateni kunye nezenzo zokucalula ezenziwa ngamaziko ezemali ngokuphathele neemali-mboleko zamakhaya;
- Ukusebenza ngezikhalazo ezivela kubaxhasi ngokuphathelene nezicelo zemali-mboleko yekhaya; kunye
- Nokuchonga iipateni zokubolekisa zocalulo olunokuba khona kwaye bamisele iinkqubo.

YINTONI IMISEBENZI YE-OFISI

(1) I-Ofisi inoxanduva lo

(a) Kufumana ulwazi olufunwayo;
(b) Kucazulula kunye nokutolika ulwazi olufunwayo;
(c) Kufumana kunye nokuphanda izikhalazo zoluntu ngamaziko emali anxulumene neemali-mboleko zamakhaya ngokungqinelana nenkqubo emiselweyo;
(d) Kwenza kufumaneke kuluntu, ulwazi olukhombisa ukuba ingaba iziko lezemali linika iimfuno zekhredithi yezindlu ebantwini;
(e) Kuthelekelelwa kokusebenza ngokwendlela esetyenziswayo emiselweyo yeziko lezemali elinjalo ngokungqinelana nolwazi olunjalo;
(f) Kunceda ekuchongeni iipateni zokubolekisa ezinokuba nocalulo kunye nokunceda naliphi na iqumrhu elilawulayo elsisemthetwheni ekunyanzeliseni ukuthobela umthetho olwa ukucalula;
(g) Kunika ingxelo kuMphathiswa ngonyaka ngokunxulumene nomsebenzi wayo ngexa lonyaka owandulelayo, kwaye ingxelo enjalo kufuneka iquke ucazululo lokusebenza kweziko ngalinye lezemali ekuthobeleni amagatya omThetho; kunye
(h) Nokwenza izindululo eziya kuMphathiswa ngawo nawuphi na umcimbi owela kwisikowupu salo mThetho.

(2) I-Ofisi

(a) Kufuneka iqinisekise ukuba amaziko emali ayawuthobela lo mThetho kunye namagatya enqaku lesi-4 leShedyuli yomThetho wokuKhuthazwa kokuLingana kunye nokuThintelwa koCalulo olungaFanelekanga, 2000 (umThetho oyiNombolo yesi-4 ka-2000);
(b) Kufuneka icebise uMphathiswa ngohlobo, umxholo kunye nexesha lokuxela ulwazi ngamaziko ezemali ngokwemfuneko zalo mThetho;
(c) Inokufuna ukuba amaziko ezemali angqinele ngento ekhoyo ulwazi oluxelwe ngokwalo mThetho apho kukho khona amathandabuzo nokuba ulwazi oluxeliweyo luchaneke ngokuphelelyo okanye lunokuqondwa; kwaye
(d) Inokuphanda kwaye imisele iinkqubo zokuqinisekisa ukuba semthethweni kolwazi oluxeliweyo liziko lezimali ngokungqinelana neemfuneko zalo mThetho, iziko lezimali elinjalo kufuneka linike i-Ofisi lonke uncedo olufanelekileyo kunye nofikelelo kwizakhiwo nokuzijikelezileyo kunye nolwazi ukuze i-Ofisi ilucazulule kwaye ilutolike ulwazi olunjalo.

ULAWULO LWE-OFISI EXELA ULWAZI

NgokomThetho wokuXela uLwazi weMali-Mboleko yeKhaya kunye neBhondi, 2000, i-Ofisi eXela uLwazi inokusebenza kuphela ngezikhalazo eziphathelene noku kulandelayo:

- Iipateni zokuboleka zemali-mboleko yekhaya ezicalulayo ezenziwa ngamaziko emali; kunye
- Nayiphi imicimbi ewela kwisikowupu somThetho.

IMICIMBI ENGAPHANDLE KOLAWULO LWE-OFISI

I-Ofisi ayinalo naluphi na ulawulo kwimicimbi ephathelene noku kulandelayo:

- Ukumisela iimfuneko zeemali-mboleko zamakhaya;
- Ukumisela ukunikwa kweemali-mboleko zamakhaya;
- Ukumisela ukugcwaliswa kunye nokwamkelwa kweefom zezicelo zeemali-mboleko zezindlu;
- Ukumisela amazinga enzala;
- Ukumisela ithuba leentlawulo zokubuyisa imali-mboleko;
- Ukumisela ibhondi/ izavenge zemali-mboleko zamakhaya;
- Ukumisela ukufanela ikhredithi;
- Ukumisela isimo sezimali sobuqu; kunye
- Nokumisela iindleko ezinxulumene nemali-mboleko.

UMGAQO-SISEKO WE-OFISI

I-Ofisi inamalungu alithoba (9) onyulwe nguMphathiswa ngokobungcali kunye namava abo kwimicimbi enxulumene nokubhanka, inkxaso-mali yezindlu kunye notyalo-mali, ezoqoqosho zoluntu kunye namalungelo abantu ngokuba ngabemi kwabo.